



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

SEPTEMBA 2013

**ISIXHOZA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO – P2**

AMANQAKU: 70

IXESHA: 2 iiyure



* X H O F A Z *

Olu viwo lunamaphepha angama – 21.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiqualatho kwpiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linama CANDELO amaNE

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kweCandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukuncheda.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwpiphepha lemibuzo.
7. Qala iCandelo ngaliNYE kwpiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwiCandelo ngalinye olkhethileyo.
10. Umthamo wempendulo mawulawulwe linani lamanqaku.

IPHEPHA LESIQULATHO

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: INOVELI

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1.	<i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omde	35	5
OKANYE				
2.	<i>Kusa kusihlwa</i>	Umbuzo omfutshane	35	5
OKANYE				
3.	<i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omde	35	7
OKANYE				
4.	<i>Umqol'uphandle</i>	Umbuzo omfutshane	35	7

OKANYE

ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
5.	<i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omde	35	10
OKANYE				
6.	<i>Ndiyekeni</i>	Umbuzo omfutshane	35	10

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
7.	<i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omde	35	13
OKANYE				
8.	<i>Ndakuyicel'ivuthiwe</i>	Umbuzo omfutshane	35	13

ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.

INANI LOMBUZO		UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
9.	Amasele phezu kodonga	Umbuzo omfutshane	17½	16
OKANYE				
10.	Ukungcwatywa kwetalente	Umbuzo omfutshane	17½	18
OKANYE				
11.	Inkonjane	Umbuzo omfutshane	17½	19
OKANYE				
12.	Bafana bafana	Umbuzo omfutshane	17½	20 – 21

ULUHLU LOKUKHANGELA

QAPHELA: Phendula umbuzo ube MNYE nakweliphi iCandelo kula, A, B noC.
Phendula imibuzo ibe miBINI kwiCandelo D.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	PHAWULA
A: INovel (Umbuzo omde OKANYE umbuzo ofutshane)	1 – 4	1	
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5 – 6	1	
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 8	1	
D: Isihobe	9 – 12	2	

ICANDELO A: INOVELI**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

“Okunene ulilandele igama lakhe unyana kaLungile. Udlule kumanzithinzithi obom wayiphumeza iminqweno kayise.” Ngqina olu luvo unggiyame kakhulu kubomi balo mfana apha encwadini. (190 – 240 amagama)

[35]

OKANYE**KUSA KUSIHLWA – KS Bongela****UMBUZO 2 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Khawutyebise ntombi uphume egusheni. Uthi kutsha phi na kanye? Kwenzeke ntoni ngoku, ndeva usithi ndakomela emcingeni?” utshilo uNomakhwezi efikelwa lixhala.

“Umyeni wakho ubuya kangaphi?”

“Ubuya ngeempela-veki rhoqo. Kutheni, wenzeni?”

“Anditsho ukuba wenzeni kodwa uyazi ukuba nawe aziwuva umbethe. Oonokrawuzana zizinto ezasoloko zikho zizophaka zishushu ngokoonomathotholo.”

“Kanene uza kube ujikeleza uyeke ukuthetha le nto uyizeleyo Nozililo. Kwenzekeni kuLungile? Thetha khawulezisa. Kaloku akunakundiphatha emanyeni ngale yam indoda, uze ujike ungayiqabelisi lo nto. Qhuba.”

“Hi wethu, bek’ubilo ntombazana, ungandenzi kuba nithi nakuhletyelwa lunitshise ulwimi kuze kuthi nakugunyelwa ngala madoda enu, nimpole, ngoku umqa womele ephinini. Xa nditshoyo, ntombi, anditsho ukuba utheni kuba ndiyazi ukuba wena undim mna ndinguwe”

“Qhuba ndimamele.”

“Ndithe mntwana kamama ngokuya bendiye eClairwood ndafika lo mchako bendiwuyele uphelile kweyona venkile bendiyithembile, ndanyanzeleka ukuba ndiye eThekwini, kanti ke leyo yimisebenzi kaNkulunkulu kwesakho isithuba kuba ndithe xa ndidlula laa hotele yamaNdiya kuthiwa si “Star” ndathana mandla nomyeni wakho echunubekile, esezimbekweni.” Njani na? Uchunubeka luhlobo luni?” wabuza omnye igwele linyuka ngaphakathi.

- 2.1.1 Kuthetha ukuthini oku, “Phuma egusheni”? (2)
- 2.1.2 Kutheni uNomakhwezi efikelwa lixhala engekeva kwanto eza noNozililo nje? (2)
- 2.1.3 Ngumsebenzi wantoni lo wenziwa ngumyeni wakhe, kutheni ebuya ngeempela-veki kuphela nje? (2)
- 2.1.4 Gqibezela le ntetho; --- aziwuva umbethe. (1)

- 2.1.5 Ngabanjani ababizwa “Oonokrawuzana” ngokwesi sicutshulwa? (1)
- 2.1.6 Yintoni isizathu sokuba uNozililo aqale ajikeleze phambi kokuba athethe? (2)
- 2.1.7 Uthetha ukuthini uNozililo xa esithi, “Ndiyazi wena undim nam ndinguwe”? (2)
- 2.1.8 Nika elinye igama, Le gama “umchako.” (1)
- 2.1.9 Ngubani lo ebehleli noLungile eStar hotele? (1)
- 2.1.10 Yintoni edibania uLungile nalo ebehleli naye eStar hotele? (2)
- 2.1.11 Chaza izimo zaba balinganiswa babini, uNozililo noNomakhwezi ngokwalapha kwesi sicutshulwa kuphela.
- (a) Nomakhwezi (2)
 (b) Nozililo (2)

2.2 Funda esi sicutshulwa uze uphendule imibuzo.

Umoya wokungakhululeki uhleli ukho phakathi kwabo lada lafika ithuba lokuba indoda iphangeli ngoMvulo, imadolo anzima injalo ngenxa yesenzo somfazi. Uthe phambi kokuba aphume namhlanje uLungile wabiza unyana wakhe.

“Mpumelelo namhlanje ndifuna ukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze kuthi nokuba kwenzeka ntoni na kum okanye kunyoko, ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwan’am”. Ugqirha undixelete.”

- 2.2.1 Wenze ntoni umfazi le yenza ukuba uLungile kube nzima ukuphangela? (2)
- 2.2.2 Ugula yintoni uLungile? (1)
- 2.2.3 Bangaphi abantwana bakaLungile? Caphula kwisicutshulwa ukuxhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.4 Kutheni exelela uMpumelelo ngempilo yakhe nje? (1)
- 2.2.5 Ngoobani abanye abantu ebebehla apha kulo Mpumelelo? (2)
- 2.2.6 Uziva njani lo tata uthethayo, siyintoni isizathu salo ndlela aziva ngayo? (2)
- 2.2.7 Lithini ihlebo alixelete unyana wakhe? (1)
- 2.2.8 Ingaba uMpumelelo walilandela icebo awalinikwayo nguyise? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.9 Xela into ibeNye awamyalela ukuba aze ayenze akufa. (2)

[35]

UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)**UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani**

"Izihlobo zenene zivela mhla kukubi, ukanti ezezinyo ziayaduka." Xoxa ubonise indima edlalwe nguDuma ngokuma enyanisweni de kube sekupheleni ethethelela uLinda. (190 – 240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 4 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)**

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

"Kaloku mna ndisajongene naNongqawuse wumbi - lo wokufa kukaEddie no Lulama."

"Wophoswa, ke Dick, kuba nemiboniso yentshayelelo ikwancamise ngencasa. Ababukeli sokhe sibabonise lo mju zuzo mtsha umise iingqondo zolutsha jikelele kweli limiwego – le phathaphathandini. Kuloo miboniso luzinika apho ulutsha, lumphathaphatha zonk' indawo- ngokwentetho entsha eze kwanale phathaphatha. Ngelishwa okanye ngethamsanqa, mna kufuneka ngabo obu busuku ndidlale iphathaphatha nobhelukazi lwenzwakazi; iphathaphatha eyodlalwa kungekho ngoma uya kubhonga ke wena!"

Inzwakazi le ndiyichunge kuba indinika urhano lokuba yona iqale yadlala iphathaphatha ebenesiphelo esibi kuEddie noLulama. Impahl' imbi kuyo, ifuna ukusiwa edry cleaner."

"Uzuyiphathaphathe kuzo zonk' iindawo, de iyichophise inyaniso siyibone nathi icholwa ziintaka."

"Khawutsho, Joe, ingaba usayikhumbula intetho oyenze emapoliseni? Ukuba usayikhumbula, awungekhe undithele gqabaggaba, ndihlaziye okwam ukukhumbula?"

"Ilula leyo, Dick, kuba umfanekiso walo mhla wokufa kuka Eddie usathe thaakum engqondweni: Kweyam iholo, kwathi kanye xa uqalisayo umboniso ka- "Nongqawuse", nabantu ndiqonda ukuba kuxa baqalayo ukuzilungalungisa, kwee gqi ngomnyango isicagogo senenekazi, linganxibe libulele. Hayi tyhini, ndathi makhe undiphose kancinci lo mboniso, khendityebise amehlo kobo buncwane. "Into eyaqala yandimangalisa kulo, kukungena lihamba lodwa."

Noko esinjengesiya isicagogo sikholisa ukunxuswa ngujobelana othile kweli Monti libafana babukhali kakhulu."

"Ndisasikhumbula nangoku nesinxibo eso sayo."

4.1.1 Sithetha ukuthini esi sithethi xa sisithi "sisajongene nalo Nongqawuse wumbi wokufa kukaEddie noLulama."?

(2)

4.1.2 Babulewe yintoni aba bachazwe ngasentla?

(2)

4.1.3 Nika intsingiselo yebinzana, "Ukuncamisa ngencasa"

(1)

4.1.4 Ngubani olu bhelukazi lwenzwakazi kuthethwa ngalo kwesi sicutshulwa?

(1)

- 4.1.5 Cacisa ngamazwi alula okuqulethwe kokukrwelelweyo kwisicatshulwa. (2)
- 4.1.6 UHlobo wenza msebenzi mni? (1)
- 4.1.7 Wothuswa yintoni uJoe le kucaca ukuba akaqhelanga ukuyibona? (2)
- 4.1.8 Xela igama le ntaka ekhankanyiwego kumhlathi wokuggibela wesi sicutshulwa. (1)
- 4.1.9 Yeyiphi eyona nto asayikhumbulayo uJoe kwisinxibo sale nzwakazi? (1)

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Uthetha ke ukuba awungewakhumbuli amagama abo? Ndiza kukuxelela ukuba ndibuzela ntoni na: Ndiyayithanda le bhatyi kodwa ke bendingathanda ukuba ndithi phambi kokuba ndiyithenge, khe ndiqale ndibone umfaneleko wayo kulowo uyinxibileyo, ndiqonde nakwabanye ukuba bayithanda njani na; ndiqiniseke kuqala ukuba eyam inkosikazi ingafanelwa na yiyo. Kaloku iyakwazi ukuthi into intle, suke ingamfaneli umntu. Iinto ezinjalo mandiqale ndiqonde. Kunzima nokuyibiza inkosikazi izokulinganisela apha, ndiqonde kuyo ukuba iyayithanda na. Kaloku iinjongo zam zezokuba ndenze isipho engasilindelanga. Andifuni nokuthenga into engayifanele ngemali enkulu kuba kwakubanzima kuyo ukuthi iyiphiwe okwenduk' omnquma, ikwazi ukundixeleta ukuba imbi, ayiyifuni. Kanti ukuba abaza kundicebisa bayibona inxitywe ngomnye, zebabone ukuba yoyifanelia inkosikazi, ndoyithenga ngaphandle koloyiko lokusa into yexabiso kumntu ongazukuyithanda. Ndiyavakala?”

- 4.2.1 Nika amagama aba bantu ekufuneka bekhunjulwe. (2)
- 4.2.2 Iqhube ka phi le ncoko? (1)
- 4.2.3 Loluphi uhlobo lwebhatyi ekuthethwa ngalo apha? Luchaze. (2)
- 4.2.4 Esi sitethi siyithenga le bhatyi njengesipho senkosikazi: Yinyani okanye asiyonyani. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 4.2.5 Caphula ibinzana kwisicatshulwa elithetha, “ukufumana into simahla.” (1)

4.3 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

“Umfana undicela ukuba khe ndiphande ngokuvalelwukukasisi wakhe. Ubukhathazeka noko kuba uyamthanda usisi lo wakhe, ndakuphawula. Nangona selede wadibana nani, ngokutsho kwakhe, akakayiqondi eyona yona. Akazi nokuba uyabanjwa na nokuba akabanjwa na usisi wakhe. Uthi makhe ndiqonde, ndibone into endinokuthi ndiyenze ukumnceda. Lilonke uyandiphangelisa njeneggwetha alaziyo likasisi wakhe. Ndiphangele ke nam, Dick.”

“Uvalelwu ke uLinda Monti- ndithetha mna, esitywetyweni,” “Ityalala yintoni, Dick?”

“Kuyarhaneleka ukuba nguye obulele uEddie noLulama.” Sukuthetha umhlola apha, Dick! ULinda lo ndimaziyo nam! Abulale uEddie?”

- 4.3.1 Ngubani lo mfana ufunu ukuphandelwa ngokubanjwa kukasisi wakhe? (1)
- 4.3.2 Lo mfana uyamthanda usisi wakhe: Nika imizekelo ibe miBINI ebonisa oko. (2)
- 4.3.3 Ngubani igama legqwetha ekuthethwa ngalo? (1)
- 4.3.4 Nika izizathu zibe ziTHATHU ezenza ukuba uLinda arhaneleke ekufeni kuka Eddie noLulama. (3)
- 4.3.5 Kuphi esitywetyweni? (1)
- 4.3.6 Cacisa ngamagama alula intsingiselo yeli binzana, “Sukuthetha umhlola” (2)
- 4.3.7 Yintoni le imenza aziwe kangaka uLinda apha eMonti? (2)
- 4.3.8 Lithini igama elipheleleyo elimele elo lithi, “Dick”? (1)
[35]

AMANQAKU ECANDELO A: 35

OKANYE

ICANDELO B: IDRAMA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

UMnumzana Ndila akanguwo umzekelo omhle weetitshala ezifunekayo kwingxaki esinazo kweli loMzantsi Afrika. Ngqina olu luvo. (190 – 240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 6 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****NDIYEKENI – DM Jongilanga**

6.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ndila	: Funie girl! (<i>ebulisa</i>)
Funeka	: Hallow Dicksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa. Inene ndibe uphindele esuthwini.
Ndila	: Kanene ufanе uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe emsebenzini? <u>Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye.</u>
Funeka	: Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto esiya kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba ungene kuwo ngexesha lezothuso uphume ngethuba leziqabu.
Ndila	: Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye.
Funeka	: Ulumke hlez' uthi kanti lo sowubhudl' umoya.
Ndila	: Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhayeni.
Funeka	: Ukuba ufunu imali utsho ebhatyini mtshana.
Ndila	: Kuwe imali yinto yonke and like all gold diggers, you will fold your tent and desert a gold mine that has given you comfort and position when its yield ceases to be of commercial value.

- 6.1.1 Uhlala kweyiphi ingingqi uFuneka eMdantsane? (1)
- 6.1.2 Ngubani omnye ahlala naye kule ndlu? (1)
- 6.1.3 Ngale mini ebehleli nabani? (1)
- 6.1.4 Bazana njani uFuneka nalo athetha naye? (1)
- 6.1.5 Ngamazwi alula uthetha ukuthini uFuneka xa esithi, “Inene ndibe uphindele esuthwini?” (2)
- 6.1.6 Yintoni emphelelise ngomsebenzi uNdila? (2)
- 6.1.7 Cacisa intetho ekrwelelweyo kwisicatshulwa. (2)
- 6.1.8 Caphula ibinzana kwisicatshulwa elithetha ukuba, “Sukuzithi pahaha izinto zakho ebantwini.” (2)

- 6.1.9 Intetho kaFuneka ethi,” Ulumke hlez’uthi kanti lo sowubhudl’ umoya”, ithetha ukuthini? Ngokwazi kwakho ibali. (2)
- 6.1.10 Yimali yantoni le ibizokufunwa nguNdila apha kuFuneka? (2)
- 6.1.11 Ngokwalapha kwisicatshulwa “Oyena mntu unokunceda ngulo uzalwa naye kunomnye ongamaziyo. Yinyani okanye bubuxoki. Caphula kwisicatshulwa ukuxhasa impendulo yakho. (2)
- 6.1.12 Tolika intetho yesiNgesi kaNdila yokuggibela kwisicatshulwa echaza isimo sikaFuneka. (2)

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ndila	: Mandinibulele maqobokazana ngokundibambela le ntakazana ibindishiya.
Loni	: O!
Funeka	: E!
Ndila	: Funeka, sukuwona umhlola.
Funeka	: Akukho nto ibitheni wethu, lide eli thuba kwaye akukho phela lingazinyula emasini.
Loni	: Yi madoda! Kusile. (<i>watsho emi ngeenyawo</i>)
Ndila	: Wawungabazi abantu. Uyabazi ngoku.
Loni	: Indoda ayikhwazi ingekaphumi ehlathini mfo kaNdila.
Ndila	: Andisekho nasenyeleni, sendithe ngcu emantla alo.
Loni	: Ithambo lenyoka lihlab’ elimzondayo, linobuzaza sele ibole yaggiba. (<i>watsho ephuma</i>). Xa sel’ ingcwatyiwe libola bhutyu ligubeke. (<i>gquzu bahleke abasendlwini</i>)

- 6.2.1 Ngubani lo wenziwa intakazana apha? (1)
- 6.2.2 Caphula isaci esithetha into enye nesi, “Sukubala amantshontsho inkukhu ingekaqanduseli.” (2)
- 6.2.3 Iqhubeka phi le ncoko? (1)
- 6.2.4 Uyavumelana okanye awuvumelani nentetho kaNdila yokuba uMawonga wayengabazi abantu? Xhasa impendulo yakho ngokwalapha encwadini. (3)
- 6.2.5 UNdila uthi akasekho nasenyeleni ngoku. Wenza msebenzi mni, phi ngoku? (2)
- 6.2.6 Ngubani oyena mntu owadala ubutshaba phakathi kukaNdila noLoni? Iyintoni injongo yoko? (2)

- 6.2.7 Ngoobani abanye abantu abaBINI abakule ndlu bancokola kuyo uNdila noLoni? (2)
- 6.2.8 ULoni yena ubekwa yintoni kule ndlu akuyo ngoku? (2)
[35]

AMANQAKU ECANDELO B: 35

OKANYE

ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa****UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

“Ubundlobongela nokuhlalisa kakubi abanye abantu buhamba buhambe bube neziphumo ezikrakra.” Ngqina le ntetho unggiyame kwibalana elithi, Izibhovubhovu zaseBhayi. (190 – 240 amagama)

[35]

OKANYE**UMBUZO 8 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)****NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu no EZ Guqa**

8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

UXakanisekile ubethanda ukukhaba ibhola namakhwenkwe esikolo ngeentsuku ezithile ukuphuma kwesikolo. Ubeye akhulule umgxulusha wakhe webhulukhwe anxibe ibhulukhwe ebeyibiza ngokuba sisikhindi. UThobile ubeye awugxeleshe lo mgxulusha, kucaca ukuba akanamsebenzi nawo koko uvuzela izinkcwe into enokuba uwuthwalisile. Ngenye imini uwujikeleze okwenja izama ukulala, wathi abanye abafundi besathe swii ingqondo ngumdlalo webhola wachopha wasifaka ngokukhawuleza isandla kwipokotho yangasemva kuloo mgxulusha. Unkabi uvuke nesipaji apho. Usivule kancinci, wanyeka, wabona ukuba sizele sisinyamfu semali engamaphepha wathatha ngokuphel' emoyeni.

Ukuphela komdlalo webhola uXakanisekile unxibe umgxulusha wakhe njengesiqhelo engananzanga nto. Ugodukile ukuya kwigumbi ebehlala kulo eGungululu. Ekufikeni kwakhe kwigumbi lakhe uthe makakhe arhole imali yokuthenga amagwinya, kuba akukho nto abeyithanda njengentlama egcadiwego. Usifake satshona isandla sakhe kwipokotho yangasemva, koko akabuya nanto. Ukhe wandwanya ezama ukucinga ukuba ingaba wahlukene phi nesipaji sakhe, koko watsho phantsi.

- 8.1.1 Esi sicutshulwa sicutshulwe kwibalana elithi, “Itutu laseTikitiki.” Cacisa esi sihloko ngamagama alula. (2)
- 8.1.2 Nika igama lomlinganiswa esayanyaniswa naye esi sihloko. (1)
- 8.1.3 Yintoni le lomlinganiswa umchaze ngasentla ibisoloko imxabanisa notitshalakazi wakhe kwigumbi lokufundela, yena utitshalakazi ebeyisombulula njani le ngxabano kwesi sikolo ebefunda kuso lo umchaze kumbuzo 8.1.2? (2)
- 8.1.4 Yintoni umsebenzi kaXakanisekile? (1)
- 8.1.5 Igama umgxulusha linika umfanekiso-ngqondweni webhulukhwe enjani? (2)
- 8.1.6 Caphula isivakalisi esichaza ukuba uThobile wayekunqwenela kakhulu ukwazi okungaphakathi kule bhulukhwe. (2)
- 8.1.7 Wafumana ntoni kulo bhulukhwe akuba eyiphendlile? (1)

- 8.1.8 Uhlala phi uXakekile? (1)
- 8.1.9 Kuthetha ukuthini oku: “Wathatha ngokuphel’ emoyeni?” (2)
- 8.1.10 Uyibhaqe njani uXakekile ukuba kukho into engekhoyo kulo bhulukhwe yakhe? (1)
- 8.1.11 Ebehlala nabani uXakekile kwindawo ebehlala kuyo? (1)
- 8.1.12 Nika elinye igama elisetyenziswa ukubiza amagwinya. Khetha igama elichanekileyo kula alandelayo.
 (a) Isonka samanzi
 (b) Ifetshu
 (c) Udodorhoyi (1)

8.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kwilali yaseMaqaqasini kwakukho umfo owayebizwa ngokuba nguQolwana. uQolwana lo washiywa nguyise esekwisithuba seminyaka elishumi elinesibini ezelwe. UQolwana lo ubeyinkulu elandelwa ngudade wabo uNokwanda, yena obesalekelwa nguMnyamezeli, inci. Aba bantwana bakhule phantsi kweliso elibukhali likanina, uMavumisa.

UMavumisa ubengumfazi obekhuthele ngayo yonke indlela, kodwa uye wonganyelwa kukukhulisa olu sapho kangangokuba uQolwana kuye kwafuneka esishiyile isikolo esekwibanga lesine aye kuzicelela itorho emlungwini, apha lalisafumaneka khona ngelo xesha iqhosha elingenamngxuma.

Into emophuleyo uMavumisa kuxanduva lokukhulisa abantwana ababini ibe kukubonwa kukaNokwanda lisoka. Mhla uNokwanda wahlebelia unina ukuba kukho tsha-ntliziyo lithile elimbone ukuba angangumfazi, wavuya uMavumisa wabulela kuNokwanda esithi ukwanda kwaliwa ngumthakathi.

Amadoda akwaNdlambe azamile ukuyikhaba ngawo omane into yokwenda komntwana esemncinci engekahlanganisi neminyaka elishumi elinesihlanu, koko kwabonakala apha kumadoda akwaNdlambe ukuba apha kuMavumisa noNokwanda asenga nje imazi ekhabayo. Umfazi nentombi yakhe batyhale ngesifuba bengafuni nokuva. Into yokwenda kwale ntombi imncede kakhulu uQolwana kuba ibiyimhemhe yakhe ukondla nokufundisa aba bantwana nakuba ebengahlawulwa kuyaphi eThekwini.

- 8.2.1 Nika isihloko sebalana esicatshulwe kuso esi sicutshulwa. (1)
- 8.2.2 Ngowuphi onguntondo kubantwana bakaMavumisa? (1)
- 8.2.3 Ingaba ibiyinto elula ukukhulisa abantwana ababini kulo mama? Caphula kwisicatshulwa ukuxhasa impendulo yakho. (2)
- 8.2.4 Caphula umgca kwisicatshulwa obonisa ukuba uMavumisa ebebahoyile abantwana bakhe. (1)
- 8.2.5 Nika intsingiselo yeli binzana, "Ukuzicelela itorho." (2)
- 8.2.6 Nika elinye igama endaweni yelo lithi, Iqhosha elingenamngxuma. (1)
- 8.2.7 Ngonjani umntu olitsha-ntliziyo ngokwalapha kwisicatshulwa? (1)
- 8.2.8 Sithini isizathu esibekwa ngamadoda alo mzi sokungayivumi into yokwenda kukaNokwanda? (2)
- 8.2.9 Zisixeleta ntoni ezi nkcazelozilandelayo? Zichaze.
- (a) Batyhale ngesifuba bengafuni nokuva. (2)
 - (b) UQolwana ibiyimhemhe yakhe ukondla aba bantwana. (2)
- 8.2.10 Ebesebenza phi uQolwana? (1)
- 8.2.11 Ingaba ilungile into yokwendiswa komntwana ongekaggibi neminyaka elishumi elinesihlanu? Ewe okanye Hayi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- [35]

AMANQAKU ECANDELO C: **35**

OKANYE

ICANDELO D: ISIHOBE**VUKANI MADODA – A Stemela: Umhleli**

Phendula nayiphi imibuzo emi**BINI** kweli Cadelo.

UMBUZO 9 (IMIBUZO EMIFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Amasele phezu kodonga – Duka MM, Sondlo M

1. Ewe, phezu kodonga lomlambo,
2. Bee dwadalala abomlambo.
3. Uphume ngendlu umzi kaSele,
4. Kwenziwa njalo xa konakele,
5. Kuboniswane ngezidla usapho.
6. Ladum' ibandla kwahlokom' iindonga,
7. Kukhahlelw' inkonyana yohlanga
8. Imbihimbishi enokukratsha,
9. Eyathetha ngenyoka yampatsha,
10. Isith' iinyoka zibhejel' amasele.
11. Yahlala phantsi sele igwintsa,
12. Umqal' ohlaza umfimfithisa.
13. Zagilan' iinduna ngezifuba
14. Zathuthuzela inkosi yathula.
15. Kwee nzwanga kungekho nosebezayo.

16. Vumbululu Xoxwazan' unkonde,
17. Watetha ephezu kwesikhondo,
18. "Asikaggibi minyakana simanyiwe.
19. Uyise kaYoli uwintiwe.
20. Ngamatatasholo amadoda akwasele"
21. Avunuka amadoda aguguma.
22. Endumzela kwandila ugwaluma.
23. Kwalaml' iNdun' enkulu UNdubule:
24. "Madoda inyaniso iyahlaba.
25. Masifunzeni saphela kulo mhlaba"

26. Vu phantsi iNduna kad' ibilinga.
27. Yancin' amehlo yang' iyacinga.
28. Kwee thu mrhutyululu werhamba,
29. Kwaqala mcebi-cebo ukusaba.
30. Yee zulumbele loo ndimbane.

- 9.1 Loluphi udidi lo mbongo olu lungentla? (1)
- 9.2 Caphula apha embongweni uxhase impendulo yakho oyinike ngasentla kumbuzo 9.1. (2)
- 9.3 Chonga, uchaze isafofe esisetyenziswe kwistanza-1. (2)
- 9.4 Yintoni isizathu sokuba lamaele adibane apha phezu kodonga lomlambo hayi kwenye indawo? (2)
- 9.5 Ibinzana, “Udwadalala” linika owuphi umfanekiso-ngqondweni? (2)
- 9.6 Igama “Ukuhlokoma” lithetha oku: Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:
- (a) Ukukhwahlazelisa kwento
 - (b) Ukungqumshela
 - (c) Isandi esihambelana nokundila kweliwa okanye intaba
- 9.7 Nika isichasi segama, “Imbishimbishi”. (1)
- 9.8 Ngokwalapha embongweni leliphi iselete elidala kukho uXoxwazana kukho neNdubule? Caphula embongweni uxhaza impendulo yakho. (2)
- 9.9 Kukuthini ukugwintsa? (2)
- 9.10 Ngubani lo kuthiwa ugwintiwe? ($\frac{1}{2}$)
- 9.11 Caphula embongweni imigca echaza oku kulandelayo:
- (a) Ukubulawa angaziwa umbulali.
 - (b) Umntu othambileyo okanye otyhafileyo.

[17½]

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ukungcwatywa kwetalente – Nqakula C

1. Ndithi ndakucinga indlela endiphile ngayo emhlabeni,
2. Ubomi endingenakho ukuthetha ngabo ngeqhaya,
3. Kuba kungekho msebenzi mhle endithi ndiyawushiya,
4. Njengokuba sendisondele kangakanana ngoku ekufeni,
5. Ndiqonde ukuba bendifokuzidla okukhulu emphefumlweni,
6. Okwenze ukuba ndingabinasipho ndisinikezela eluntwini,
7. Ngeenjongo zokuphucula isizwe sam ezizweni,
8. Ukuze singabisosizwe sabangqibi, sihluthe esiswini.

9. Umntu ngamnye uyintsika nomsimalelo wabanye,
10. Kumntu ngamnye ebomini kulindeleke imisebenzi,
11. Eza nempucuko nempumelelo nempilo kwabanye,
12. Kuba kaloku sonke emhlabeni singabakhonzi.
13. Inkonzo yethu mayityhutyhe ilizwe;
14. Iitalente zethu mazikhonze isizwe.

- 10.1 Loluphi udidi lo mbongo olu? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)
- 10.2 Sithetha ukuthini isihloko salo mbongo? (2)
- 10.3 Ngokwesitanza - 1 imbongi ibhekisa kubani kulo mbongo? (1)
- 10.4 Nika elinye igama endaweni yelo lithi, “Iqhayiya”. (1)
- 10.5 Zeziphi iinjongo eziphambili ezibekwa yimbongi kulo mbongo?
Nika zibe MBINI. (2)
- 10.6 Cacisa ngamazwi akho okuthethwa ngumgca we-8. (2)
- 10.7 Igama, “umsimelelo” ungalinxulumanisa nabantu abangakanani
ngeminyaka? Xhasa impendulo yakho. (1½)
- 10.8 Chonga umgca ube mNYE kumbongo obonisa ukuba umntu ngamNYE
unoxanduva lokwenza igalelo ebomini. (1)
- 10.9 Caphula umgca embongweni ochaza ukuba imbongi ayisenabomi
bude eza kubuphila. (2)
- 10.10 Nika isafobe esisetyenziswe kumgca we-11. (1)
- 10.11 Kutheni imbongi izibona ingenako ukuthetha ngokuzingca xa ithetha
ngobomi? (2)

[17½]

OKANYE

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Inkonjane – Sigonya VV

1. Ndayibon' indand' iphaph' okwengelosi.
2. Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
3. Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
4. Ngumoy' ongephi zityhil' ubumbeje-mbeje.
5. Ndayibonga ndaggiba ngentliziyo.

6. Ndafihl' izikhwazo ndisoyik'uluntu.
7. Yandimemez' ibik'udaba.
8. Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.
9. Wavakal' umoya wentumekelelo.

10. Zagungq' iingcango zentliziyo.
11. Lwabesh' uvalo lundityel' uba yeyam.
12. Umoya wembala nawo wandingqinela.
13. Ndayondela; ndayijonga; ndayiphonononga.
14. Ndafik' iyimfezek' ingqibelelo.
15. Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.

16. Yabuthabatha bonk' ubume bam.
17. Ndalamda ndakondela eso sihlwithi.
18. Ndadandatheka ndakubon' eso sifuba.
19. Ndawubon' umandlalo wenzala yam umntyinga-ntytingana.
20. Isisila sona sixhentsa mva.
21. Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
22. Ndithethe ndaggiba kodwa hayi intlokomo.
23. Ndazibona ndindodwa ndisemehlw' oluntu.
24. Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;

25. Ngomphefumlo ndingaboni mntu.
26. Manqina mani na la andicaf' umphefumlo?
27. Nziphlo zini na ezi zindikrwemp' ulonwabo?
28. Ncumo luni na olu lukuwe ntaka- ndini?
29. Mdiki mni lo ulele kwezo nziphlo?

30. Ntakandini yezulu;
31. Ngeba wena uyinzulu;
32. Ngoba wena unyulu.

- | | | |
|------|--|-----|
| 11.1 | Chonga isafobe kwisitanza-1 kumgca wokuqala, uxele udidi lwaso. | (2) |
| 11.2 | Caphula umgca kwisitanza-1 onika intsingiselo yobuhle. | (1) |
| 11.3 | Kukuthini ukubanga into? | (1) |
| 11.4 | Ithetha ukuthini imbongi xa isithi, "Ndayibonga ndaggiba ngentliziyo"? | (2) |
| 11.5 | Ukweyiphi imeko umntu obethelwa luvalo? | (1) |

- 11.6 Nika intsingiselo enikwa ngumgca we – 13 kulo mbongo. (2)
- 11.7 Zifumaneka ngeliphi ixesha lonyaka inkonjane? (½)
- 11.8 Igama elithi isihlwithi kumgca we – 17 lipuhhlisa ntoni ngale nkonjane? (2)
- 11.9 Umgca wama – 24 othi, Ndanyalasa, ndingqola-ngqola, ndibheshuza unika umfanekiso wantoni? (2)
- 11.10 Isimamva u – ndini kumgca – 30 sinika eyiphi intsingiselo? (2)
- 11.11 Ngonjani umntu okanye into enyulu? (1)
- 11.12 Loluphi udidi lo mbongo olu? (1)
- [17½]

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Bafana Bafana – Xayimpi S

1. Bafana bafana!
2. Bafana bafana!
3. Ndizani bafana bafana, ndizani!
4. Ndizani bafana bafana, ndizani!
5. Ngamayeyeye, yimincili!

6. Yintswahla-a-a-a!
7. Bawinil' abafana bafana, bawinile!
8. Bawinil' abafana bafana, bawinile!

9. Laduma bafana bafana, laduma!
10. Bafana bafana!
11. Bafana bafana!
12. Uyabulel' umzantsi Afrika
13. Ngezi nguqu nizenze kweli lizwe;
14. Uthi: Phambili makhwenkwe ka Rholihlahla, phambili!
15. Phambili makhwenkwe ka-Rholihlahla, phambili!

16. Yiyo loo nto sisithi: ndizani bafana bafana, ndizani,
17. Ndizani Bafana Bafana, ndizani,
18. Niye phesheya niy'okuphumelela indebe yehlabathi.
19. Huntshu Bafana bafana huntshu!
20. Huntshu Bafana bafana huntshu!
21. Hee!! Hee!! Hee!!

22. Aa! Rholihlahla!
23. Aa! Rholihlahla!
24. Uyabulela uMzantsi Afrika.
25. Ngokuphuhlisa uqoqosho apha kule Afrika.

- | | |
|-----|--|
| 26. | Sithi phambili Mandela! |
| 27. | Phambili Rholihlahla! |
| 28. | Huntshu Bafana Bafana huntshu! |
| 29. | Huntshu Bafana Bafana huntshu! |
| 30. | Yagqum' ingonyama yoMzantsi Afrika, yagquma. |
| 31. | Hee! Hee! |
| 32. | Yagqum' ingonyama kaDoctor Khumalo, |
| 33. | Yagqum' ingonyama kaMark Fish, |
| 34. | Yagqum' ingonyama kaTshipa Masinga, |
| 35. | Yagqum' ingonyama Mark Williams, |
| 36. | Ndee gram, nonke grum!! |
| 37. | Qongqololo! |
-
- | | | |
|-------|---|------|
| 12.1 | Lo mbongo ubhalwe ngexesha okanye emva kweminyaka yocalu-calulo.
Ewe okanye Hayi. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 12.2 | Bakweliphi inqanaba apha ebuntwini abo baziwa ngokuba ngabafana? | (2) |
| 12.3 | Kukuthini ukundiza? | (1) |
| 12.4 | Caphula imigca emiBINI echaza ukuvuya nengxolo edlulisileyo
embongweni. | (2) |
| 12.5 | Yintoni le iwinwe ngaBafana bafana? | (1½) |
| 12.6 | Isikhuzo esithi, "Huntshu"sisetyenziswa ukubonisa ntoni? | (2) |
| 12.7 | Izikhuzo, Hee!! Hee!! Hee!! no Aa!! Rholihlahla ezisetyenziswe
yimbongi kulo mbongo zipuhlisa eyiphi intsingiselo? | (2) |
| 12.8 | Kutheni eliqela laBafana Bafana kusithiya ngamakhwenkwe kaMandela
nje? | (2) |
| 12.9 | Xa kuthethwa ngezoqoqosho kuthethwa ngento enxulumene nantoni? | (2) |
| 12.10 | Igama, "Uqongqololo" lithetha ntoni kulo mbongo? | (1) |
- [17½]

AMANQAKU ECANDELO D: 35
AMANQAKU EWONKE: 70